



Kutheni Isele Lilibi?


Mozambican folktale
isiXhosa




Kudala-dala, icilikishe
nesele babe ngabahlobo.




Isele lalinomona bubuhle
nenkazimlo yecilikishe.




"Wenze njani ukuze ubemhle? Jonga mna, ndimbi. Ndenze njani ngolwam ulusu?" latsho isele.



Lathi icilikishe, "Mamela,
galela amanzi embizeni
uyibeke emlilweni. Ecaleni
kwakho"



Kodwa isele lathi,
"Sendiyazi, ndiyayazi.
Thula, mhlobo wam."
Lahamba.



Lafika ekhaya lagalela
amanzi embizeni.




Athe xa amanzi eqala ukubila, lazijula kuwo.



Ze latsha ulusu lakhe,
laqhawukelwa nangumsila.



Endaweni yokuba
liqhakazele libelihle nje
ngecilikishe, laba libi
nangakumbi!




Kutheni Isele Lilibi?

Writer: Mozambican folktale

Illustration: Hélder de Paz Alexandre

Translated By: Nokuthula Bernelee Dyonase

Language: isiXhosa



This story was written down in 2013 by students at Universidade Pedagógica-Maxixe, Mozambique, from their memory of what was told at home, and edited by their English teacher, Ingrid Schechter.

© Mozambican Writers, 2014



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.